NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
NOVEMBER 2016

# ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA I
# ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER I

## MARKING GUIDELINES

Ixesha: 2½ Iiyure                                                                 Amanqaku: 100

---

**These marking guidelines are prepared for use by examiners and sub-examiners, all of whom are required to attend a standardisation meeting to ensure that the guidelines are consistently interpreted and applied in the marking of candidates' scripts.**

**The IEB will not enter into any discussions or correspondence about any marking guidelines. It is acknowledged that there may be different views about some matters of emphasis or detail in the guidelines. It is also recognised that, without the benefit of attendance at a standardisation meeting, there may be different interpretations of the application of the marking guidelines.**

---

IEB Copyright © 2016 

## ICANDELO A

## UMBUZO 1 ISICATSHULWA

### 1.1 ABAFUNDI BAFUNA UMBUTHO WABO!

1.1.1 Abafundi bafuna i*LRC* kuba bafuna abantu abaza kubamamela. (1)

1.1.2 Hayi, abakufuni ngendlela efanelekileyo kuba basebenzisa ubundlobongela endaweni yothetha-thethwano.
Ukuba umfundi uthe "Ewe" waze wanika inkxaso eyonelisayo esemxholweni, kufuneka anikwe amanqaku. (2)

1.1.3 Uprinsipali usithathe kancinci isicelo sabafundi. (1)

1.1.4 Ufuna abazali bazivele ngokwabo izinto ezithethwa ngabantwana babo. (1)

1.1.5 Uprinsipali udanile/ukhathazekile. (1)

1.1.6 Ukhathazwa kukuba basuke balwa bonakalisa impahla yesikolo. (1)

1.1.7 UMnu. Hani akahambisani nobundlobongela. (1)

1.1.8 "**wesikolo**" (1)

1.1.9 "Uyaphosisa"/"Uyaxoka" (1)

**[10]**

### 1.2 MASIZIPHATHE KAKUHLE IZILWANYANA

1.2.1 (a) Abantu batshabalalisa nendawo eziphila kuzo. (1)

(b) Izilwanyana zihlala emahlathini, emhlabeni nasemilanjeni. (Nika ibe NYE/ Umfundi uya kunika enye yezi mpendulo.) (1)

(c) Abantu bagawula amahlathi kuba befuna ukwakha izindlu, iifama, iindlela, iidolophu nefenitshala. (Akunyanzelekanga ukuba umfundi ayikhuphele ngokobunjalo bayo impendulo.) (2)

(d) Umbhali uthi ziphela zihamba kwezi ndawo okanye zisifa. (1)

1.2.2 (a) Uthi urhulumente makabeke umthetho wokuba mazingazingelwa izilwanyana kungathengiswa nemveliso yazo. (2)

(b) Yapheliswa kuba iintaka ezifana namaxhalanga nookhetshe zazisifa lula. (1)

(c) Ewe, kuba zatsho zanda ezi ntaka. (2)

1.2.3 (a) Bakholelwa ukuba zikhuselwe ngokuthi kubekelwe bucala umhlaba othile/kwenziwe iipaki. (Umfundi makanike impendulo ibe NYE) (1)

(b) Zikhuselekile: azikhuselekanga. (1)

**[12]**

### 1.3 UNANDI MNGOMA

1.3.1 (a) UNandi uyacula/ungumsasazi kumabonakude/ngumdlali kwiTV. (1)

(b) Ukuba ngumdlali ku*The Road* kumenze wathobeka. (1)

1.3.2 (a) Ulinganisa njengoZoe. (1)

(b) UNandi ungumntu ondwebileyo. (1)

(c) Bubuhlungu basemphefumlweni. (1)

1.3.3 (a) Ukuba ngumlinganisi ku*The Road* uNandi kumfundise ukuba umntu angavumeli uloyiko luvalele ulonwabo lwakhe. Umntu uphila kube kanye (1)

(b) Bekunzima ukulinganisa intombi eneentloni kuba umdlalo wakhe (*The Road*) uphikisana necwecwe lakhe lomculo. (2)

**[8]**

**30 amanqaku**

IEB Copyright © 2016 

## ICANDELO B

## UMBUZO 2 USHWANKATHELO/ISISHWANKATHELO

## UMNTWANA ANGAPHILA NGAPHANDLE KOKUBUKELA UMABONAKUDE

Kwesi sicatshulwa kulindeleke ukuba umfundi abhale iingongoma zibe ntlanu:

- Umcebisi nokwayi*therapist* u-Anna Rodrigues uthi iteknonoloji nomabonakude/ne*TV* zingamenza umntwana athande ukuhlala yedwa, angaqhubi kakuhle nasesikolweni.
- Umntwana angatyeba ngenxa yokutya ukutya okungalunganga nokusoloko ehleli phantsi engenzi nto.
- Ukubukela ubundlobongela kungabanga ixhala nentiyo emntwaneni, abe noloyiko lwento angayaziyo.
- Umntwana angafunda imikhwa emibi aphele engabahloniphi abazali nabantu abadala.
- Makubukelwe iinkqubo ezakhayo lusapho lonke.
- Mayingahlali ilayitiwe i*TV* ukuze abantwana bangabukeli iinkqubo ezingakhiyo.
- Abantwana mabadlale imidlalo, bafunde iincwadi benze nemisebenzi yezandla.

(Akunyanzelekanga ukuba abafundi bawabhale ngolu hlobo amanqaku abo, lo ngumkhomba-ndlela.)

**Ukwabiwa kwamanqaku:**

1. Umfundi obhale iingongoma eziphambili ezintlanu : 8
2. Ukusetyenziswa kolwimi : 2
3. Iingongoma ezi – 3 okanye ezi – 4 : 6
4. Iingongoma 2 = 3

**IRUBHRIKI**

| | **Uphumelele** | **Uzamile nangona Kukho ukugqwidiza** | **Akaphumelelanga** |
|---|---|---|---|
| Iingongoma ezi-5 | **8** | **5** | **2-1** |
| Iingongoma ezi-3–4 | **6** | **3** | **2-1** |
| Ukusetyenziswa kolwimi | **2** | **1** | **1-0** |

**[Ewonke amanqaku = 20 converted to 10]**

**NB:** Ukuba umfundi ephendula enika ingongoma enentsingiselo makangaphulelwa amanqaku.

**10 amanqaku**

## ICANDELO C

## UMBUZO 3 IMIBONGO

### 3.1 UMBONGO ONGAMISELWANGA

3.1.1 (b) Imbongi isebenzise uphinda-phindo. (1)
3.1.2 (a) Sisipho. (1)
(b) Umculo uyaphilisa, iingcinga ezimbi ziyemka, ulungisa ingqondo, wenza umphefumlo uzole. (Umfundi makanike izinto ezimbini kuphela.) (2)
(c) entle/ezimbi. (1)
3.1.3 (a) Sisixhobo. (1)
(b) Yoyi. (1)
(c) (i) Kulawule uxolo (1)
3.1.4 Umfundi usenokuthi umculo uyamonwabisa/uyamthuthuzela. (Impendulo echanekileyo yileyo ibonakalisa ifuthe lomculo kumfundi) (2)

**[10]**

### 3.2 INDALO V. M. JACK

3.2.1 (a) "Bubukhazi-khazi bubuqhele-qhele yindalo."
Okanye
"Bubumbeje-mbeje zizityalo zendalo." (1)
(b) Bonwatyiswa bubuhle bendalo. (1)
3.2.2 (a) Zikhala ekuseni. (1)
(b) Abantu baxakekile bayasebenza/baya emsebenzini. (2)
3.2.3 (a) Ufuna ukuzitya/ukuzidla (1)
(b) Zole (1)
3.2.4 Izulu liyaduduma. (1)
3.2.5 Imbongi isifundisa ukuba sizinike ithuba lokubuka ubuhle bendalo novuyo oluziswa yindalo emntwini.
Indalo intle kodwa iyakwazi nokutshabalalisa.
(Uluvo lomfundi oluchanekileyo lwamkelekile) (2)

**[10]**

### 3.3 IKHAYA L. M. Mda

3.3.1 (a) Ikhaya liyakuhlala lilikhaya nokuba lakhiwe/lenziwe ngantoni. Nokuba ngumzi omkhulu okanye omncinane ikhaya likhaya. Umntu angangalithandi ikhaya lakhe athethe ngalo kakubi ade omnye alibaleke/alishiye, uye athi akucinga ngokubuyela ekhaya afike iselikhaya lakhe. (Akunyanzelekanga ukuba umfundi ayibeke ngolu hlobo eyakhe impendulo, impendulo eyamkelekileyo yileyo icacileyo. Umfundi makasebenzise isivakalisi esinye.) (2)
(b) Uyalicekisa. (1)
3.3.2 (a) Imbongi isebenzise imvano-siphelo/imvano-siqalo. (1)
(b) "Wakhiwe wakhula usakhelwa lona." (1)
3.3.3 Imbongi ithetha ukuba awukho wedwa/akukho wedwa/nawe unalo ikhaya. (1)
3.3.4 Xa ilizwe liyijikele iya kusuka ibuyele kokwayo igoduke. (2)
3.3.5 "Kuxoxwa ezoxolo nditsho ndixole"
Okanye
"Ndixole ndixolele ukuxoka ndiqhula."
(Umfundi makacaphule umqolo **ube mnye**.) (2)

**[10]**

## ICANDELO D

### UMBUZO 4

| | | |
|---|---|---|
| 4.1 | Ngumdlalo webhola ekhatywayo/yisoka/idiski. | (1) |
| 4.2 | Lo mdlalo uphakathi kwaMakhosi namaBhakabhaka/kweKaizer Chiefs ne-Orlando Pirates. | (1) |
| 4.3 | Udlalwa ngomhla we-10 ku-Aprili. | (1) |
| 4.4 | Uza kudlalwa ngentsimbi yesibhozo. | (1) |
| 4.5 | Kusetyenziswe ifonti enkulu ukutsala umdla wababukeli. | (1) |
| 4.6 | "Walala wasala" OKANYE Ziza kucaca iintsana malanga. | (1) |
| | | **[6]** |

### UMBUZO 5

| | | |
|---|---|---|
| 5.1 | Ilitye **li**yawa. | (1) |
| 5.2 | Intombi **yom**Xhosa intle. | (1) |
| 5.3 | Abantwana aba**ne**mbeko bayathandeka. | (1) |
| 5.4 | Umfundi uhamba **e**thetha yedwa. | (1) |
| 5.5 | Sifike abafazi **be**thandaza. | (1) |
| | | **[5]** |

### UMBUZO 6

| | | |
|---|---|---|
| 6.1 | Umfazi **uza kuthenga** iilekese. | (1) |
| 6.2 | Umfazi **uthenge/uzithengile** iilekese. | (1) |
| 6.3 | Umfazi **wathenga** iilekese. | (1) |
| | | **[3]** |

### UMBUZO 7

| | | |
|---|---|---|
| 7.1 | Abafundi bafunda **esikolweni**. | (1) |
| 7.2 | Xhoma umfanekiso **eludongeni**/**edongeni**. | (1) |
| 7.3 | Beka iipleyiti **ezitafileni**. | (1) |
| | | **[3]** |

### UMBUZO 8

| | | |
|---|---|---|
| 8.1 | Ingca iluhlaza **yaka**. | (1) |
| 8.2 | Yizalise itanki ithi **qhu** ngamanzi. | (1) |
| | | **[2]** |

### UMBUZO 9

| | | |
|---|---|---|
| 9.1 | Amasela **abanjwa** ngamapolisa. | (1) |
| 9.2 | Ivili **limpontshwa** ngubhuti. | (1) |
| 9.3 | Izonka **zibhakwa** ngabafazi. | (1) |
| | | **[3]** |

IEB Copyright © 2016

## UMBUZO 10

10.1 UKumkanikazi (1)
10.2 Imazi yegusha (1)
**[2]**

## UMBUZO 11

11.1 Utata uyabuza ukuba ngubani lo mntu/Utata ubuza ukuba lo mntu ngubani/Utata uthi ngubani lo mntu. (1)
11.2 UTafara ukhuza uthi kushushu eKapa./uTafara uyakhuza uthi kushushu eKapa. (1)
**[2]**

## UMBUZO 12

12.1 Igumbi **lo**kuhlala. (1)
12.2 Ibrashi **yee**nwele. (1)
**[2]**

## UMBUZO 13

13.1 UMandisa unxibe ilokhwe **enkulu** kakhulu. (1)
13.2 Iinwele zikaJoyce **zintle**. (1)
**[2]**

**30 amanqaku**

**Ewonke amanqaku: 100**

IEB Copyright © 2016